**INTETHO YOKWAMKELAKASOMLOMO WEBHUNGA LOMASIPALA WASEKUHLALENI UMZIMVUBU, OHLONIPHEKILEYO UCEBA……..**

Ohloniphekileyo uSodolophu

USositswebhu

Ooceba

Iinkosi zethu zemveli

Umphathi masipala, uMnu G.P.T Nota

Oomanejala balomasipala

Amajelo ezosasazo

Indwendwe zethu ezibekekileyo

Manene naManenekazi

**Mholweni ngalimini yanamhlanje,**

Kuluvuyo nochulumanco kum kwaye ndiziva ndithobekile ngokuba ninditembe nindonyule njengoSomlomo weliBhunga.

Mandithabathe elithuba ndibulele kumatyi wethu wengingqi nothe wasikhokela kulenkqubo yokufungiswa kwethu namhlanje.

Ndiyalwazi uxanduva nokulindelekileyo kum ekukhokheleni elibhunga likamasipala kuleminyaka ingamashumi amabini anesixhenxe (27) sixhamla kulenkululeko. Ndibulela ngokungazenzisiyo kuSomlomo

obexhuzula imikhala kwibhunga lesine lalomasipala, uCllr N.F. Ngonyolo, ubonakalise isikhokheli esingagungqiyo njengenina.

Ndiyaniqinisekisa ukuba anizuzisola ngokundonyula kwanu kwaye ndizimisele ukwenza umsebenzi wam ngendlela enesidima esilungele le-Office ngokukhokelwa ngumgaqo siseko.

Mandithathe elithu ndiwamkele wonke amalungu athe afungiswa namhlanje kwelibhunga, ngethemba lokuba siya kuthi simanyane, sixhasane kwaye sisebenze ngokuzimisela ukuzisa iinkonzo ezingundoqo kubahlali nanjengoko kubonakala ukuba uninzi lwethu apha ngabantu abatsha nabaqalayo ukusebenzela urhulumente wasemakhaya.

Kumalungu abuya isihlandlo sesibini nangaphezulu, namkelekile kwakhona kulendlu.

Mandibulele kwisikhokelo sebhunga ebelixhuzula imikhala kuleminyaka mihlanu idlulileyo, imisebenzi yenu iyabonakala kwaye iyancomeka.

Njengebhunga lesihlanu kulomasipala, asizang’otshintsha nto koko sizokonyusa umgangatho le ndlu ihlale inesisidima eyaziwa inaso.

Singulorhulumente wasemakhaya siyazingca ngokunikwa kwakhona ithuba lokukhokela kulomasipala ngabahlali boMzimvubu emva kolonyulo lwentando yesininzi, ndiyathembisa asizukubaphoxa.

Kweli ityeli, masibengumasipala omnye osebenzela abantu abanye. Sizikhwebule kwiyantlukwano nakwimilo esekelezise kwimibutho yezopolitiko ebigqubа ingakumbi kwixesha lolonyulo. Masibenomoya

wemvisiswano sisebenze ngokuzimisela nanjengoko iinjongo zethu ikukuphucula iimpilo zabantu boMzimvubu.

Ewe kulendlu sizokuxoxa kwaye kulindelekile ukuba singaboni ngasonye xa kunengxoxo- mpikiswano nanjeko sizakuba nemibono eyohluku ngezinto ezithile kodwa oko makungabangeli iyantlukwano noqhekeko phakathhi kwamalungu elibhunga. Kaloku silapha ukuzomela iimfuno zabantu bethu nekungabo abasonyule ukuba sibelapha ngoko ze-singabaphoxi.

**Malungu abekekileyo;**

Kona sikhathele emva kolonyulo obelunemiceli-mngeni engaphaya, kodwa ixesha lokuphumla asinalo nanjengoko kujongwe lukhulu kuthi.

nongasekhoyo utata uNelson Mandela wasilumkisa wathi, I quote: “what challenges us, who define ourselves as states-persons, in the clarion call to dare to think that what we care about is people – the proverbial man and woman in the street. These are the poor, the hungry, the victims of petty tyrants, the objectives of policy, demand change.”

Kuleminyaka mihlanu izayo ndiyathembisa ukuba ndizakusebenza ngemvisiswano kunye nawo onke amaqela ezopolitiko amelweyo kwelibhunga. Sibelibhunga elinenkqubela phambili ekokheni nasekuziseni ubumbano phakathi kwamalungu oko kuyakuthi kubuyise intembeko kubantu bethu.

“Enkosi”

